Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
January 30th, 1926.

# Umanyano! Mihlamb' Eyalanayo!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Halahoyi ma Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomhlaba
Entlalweni nembambano sinjani
Namaratshi okungazi anjani?

Hai ukuhlala kwawo wodwa umzi
Nokungenwa kwamasango alo mzi
Obantu babenikwe Intsikelelo
Namhla simanga ngumzi wembandezele.

Kunlnina makowetu sikonkota
Sipikisa abantu besiqongqota
Umanyano nje kupela lunga "Mandla"
Kuba lulo lodwa olunokusondla.

Nga mona olibhaxa kolu "manyano"
Yi mali elibhaxa kolu manyano,
Ngoko ke sixakiwe kukulunyuka
Makapikeke oqele ukupika.

Lento ilu "manyano" yingwe yetunzi
Nasezintsizini zonke zake u Menzi
Zonk' intshaba zakoyiswa ngenxa yalo
Nentsika zezalu zakwapulwa ngalo.

Yiba nnye uvum' ingomibenye
Nowakowenu yifela ndawenlnye
Uwise namazwi akutaza umzi
Kona eludidini wake wanje umzi.

Zipina Inkokeli ezinje ngo Yoshuwa
Ezazino tando zivuke zisiwa
Ezazipata Isizwe sika Tixo
Zindilekile zingenzi nangampoxo.

Kulihlazo kulidano makowetu
Kulilishwa nokunganceda mawetu
Ube usiti wetu usisityudeni
Obani aba konke kuwe abani.

Yabonani makowetu sibadala
Nenyaniso yasiposa kwakudala
Umanyano nje kupela lunga "mandla"
Kuba lulo lodwa olunokusondla.

Mhlanganisi wemihlamb' eyalanayo
Dibanisa le yetu yalanayo
Zonk' Izizwe zimanyene ngabamnyama
Nama Kula nama Tsakayina ngokumnyama

Nabatwana njengezitungu zesanda
Nobutyakala kuni baye bangenda
Umanyano nje kupela lunga mandla
Kuba lulo lodwa olunokusondla.

Namhla i Afrika itshelwe sic'eko
Azi kwabadala yena akaseko
Onyusa nengxelo iye ko Pezulu
Atshise nedini ngo nyana omkulu.

Yiva! ke!!